# LIPHI IKHAYA LAKHO?



Sonke ngabanye sinendawo ebizwa ngobuba likhaya. Mhlawumbi ayinabuhle yaye ingenayo nempahla ebukekayo nje ngezinye iindawo kodwa ilikhaya lethu, nokuba singatyelela phi okanye sahamba ithuba elide sisoloko sivuyela ukubuyela ekhayeni lethu. Maxa wambi iindawo esityelela kuzo zintle zinomtsalane ngeendlela ezahlukeneyo zide zibe zingaphezu kwekhaya lethu, kodwa azililo ikhaya lethu azifani nekhaya kulo siyaphumla. Kukho into ekhaya eyenza sonwabe siqonde ukuba sisendaweni eyeyethu.

## SINGABAHAMBI APHA

I Lizwi likaTixo liyasixelela ukuba singabaphambukeli nje apha emhlabeni *1 Petros 2:11; kumaHebere 11:13.* Amakhaya ethu apha nokuba angade abe mahle kangakanani ngawomzuzwana, kamsinya iindonga zawo zizakuqhekeka, uphahla lube nezikroba luvuze, umoya uyakungena emnyango iqale ukuxobuka ngaphakathi indlu, kuyakuqhuba njalo iguge indlu ide ekug-

qibeleni yonakale kakhulu iwe. Akukho nalunye udonga pha emhlabeni oluhlala naphakade lungagugi, hayi alukho konke, Naluphina udonga luhlala ixesha elithile luze luguge luwe. Kha ukhangele macala onke uyakubona iimpawu ezicacisa ukuthi àpha emhlabeni akukho nto ihlala naphakade, kodwa zonke izinto ziyaphela kwanawo amakhya ethu.

**NAWUPHINA UMNTU UNEKHAYA ELINGAGUGIYO NOXA KUNJALO**

Sonke ngabanye sinekhaya lanaphakade nokuba siyayazi lonto okanye asiyazi. Elikhaya leli siya kulo xa sisuka emhlabeni xa ubomi bethu kulomhlaba buphela xa imizimba yethu ibekwa emangcwabeni. Umoya wethu ke ngeloxesha uya ekhaya apha singengabo abaphambukeli kodwa siyakuhlala khona unaphakade kanaphakade. Elinye kulamakhaya lichazwa ngokuba lidike lomlilo nesulfure, apho likhona iramncwa nomprofeti obuxoki, apho aya kuphoswa khona umtyholi, nabo bonke abangafunyanwanga bebaliwe encwadini yobomi. Kulomlilo ongaka owoyikekayo, kulentuthumbo nobushushu obutshisayo kuyakuba kho ukulila nokutshixiza kwamazinyo nomtyholi uyakusineka, iidemoni nazo ziyakongeza ububi ngokuhleka. Akuyikuba kho mthuthuzeli, akuyi kuba kho luncedo, bonke abalahliweyo bayakuba bodwa kobobuhlungu bungako, kokungona bayakunqwenela ukuba nge babeyimamele ngenyameko iVangeli kaYesu Krestu. La madangatye lendawo yentuthumbo, lendawo isisihogo, iyakuba likhaya labo kuba "bonke bonile basilelela eluzukweni lukaTixo" *AbaseRoma 3:23.*

Eli ke likhaya labakrexezi abenza umbulo, abangcolileyo, ababusa izitixo, abakhafulayo, abanentiyo ezintliziyweni zabo, abanomona, amaxoki, amanxila, amasela, abakhohlisi, abangenanyaniso, ababulali, abathanda imfazwe, abanqenayo, abanekratshi, abanqwenela izinto zelilizwe, aboyikekayo nabakhohlakeleyo, abanyolukileyo nabathanda imali, nabathanda ihlabathi nezinto zalo. Kuma *Galati 5:19-21; Isityhilelo 21:8.* Eli likhaya laabo bangavumanga ukwamkela iNkosi uYesu Krestu abe ngumSindisi wabo, abangahlanjwanga ngegazi likaYesu." "Musani ukulahlekiswa, uTixo yena asingowokuhlekisa, kuba into athe wahlwayela yona umntu, wovuna kwa yona." *Kuma Galati 6:7.* Oko sikuhlwayela ngenkanuko nangenyama siyakukuvuna esihogweni.

Kha ume ukhangele indlela umoni aya ngayo kwelikhaya, libe likhaya lakhe kuba nje engamamkelanga umSindisi. Umoni onentliziyo elukhuni ungena ekufeni ngomzimba ozele ziintlungu nangomoya owoyika ukufa. Ukufa kufike ngexesha ebekungalindelwanga kungafunwa ke ngoko kukhangele utshaba ngengcwangu. Ubumnandi obuziswa sisono budlule, umvuzo ombi owoyikekayo wesono kufuneka uhlawuliwe. Ulwamvila lwesihogo lucinezela lomoya woyikayo. Mhlawumbi ngoku lomntu ufuna ukuthandaza kodwa akafikeleli kuTixo. Izihlobo zakhe zamandulo ziyoyika ukuma phambi kokhuko lwakhe, namazwi azo okukhuthaza akamncedi nto, nendyebo yakhe mhlawumbi ayifumene ngobumenemene ayikwazi ukusindisa umoya wakhe, ayikwazi nokumkhulula kwezintlungu yongeze neentsuku zakhe. Noxa ezama

ukucinga ngo Tixo, umtyholi akamniki thuba. Zonke izinto awayezithanda kulomhlaba eziphilela ngathi ziyamhleka kwanaye umalusi wakhe omlahlekisileyo akakwazi ukumnceda. Uyaqala ukuqonda ukuba, **kuyoyikeka ke ukweyela ezandleni zoTixo ophilileyo** Kuma *Hebere 10:31*. Lomntu wayethembe ukuba uyakuzilungelelanisa noTixo elukhukweni lokufa, kodwa ngoku ufumana ukuba kusemva kwesithonga. Amawaka abantu afa ngesiquphe engakhange afumane ithuba lakuthandaza ngexesha lokufa kwawo. Kungoko sixelelwa ukuba sifune uTixo esenokufunyanwa. Endaweni yokuva ilizwi likaTixo limkhuthaza ekufeni kwakhe, lomoni ulusizi ufayo, ongalwamkelanga uthando nofefe luka Tixo kufuneka eve ngoku ilizwi lomGwebi wakhe, umSindisi angamvumanga yena, eve esithi: "Mkani kum nina baqalekiswa, niye emlilweni ongunaphakade owalungiselwa umtyholi nezithunywa zakhe" *Mateyu 25:41*. "Kwa nje ngokuba abantu bemiselwe ukuba bafe kube kanye, ize ke emveni koko ibe ngumgwebo." *Kuma Hebere 9:27*.

## NGOKU MAKHE SIKHANGELE ELIKHAYA LIHLE

Kwelikhaya akukho busuku, izibane nelanga aziyikufuneka ngokuba iNkosi yiyo ekhanyisayo *Isityhilelo 22:5*. Akukho zifo khona nantsizi, nandlala, nakunxanwa, akukho kuswela nakuhlupheka, akukho koyika kuba nokufa akukho *Isityhilelo 21:4*. Isakhiwo sodonga lwawo yiyaspisi umzi yigolide engcwengekileyo *Isityhilelo 21:18*. Izinto ezingabonwanga liso, nezingaviwanga ndlebe, nezingathanga qatha entliziyweni yomntu zizo uTixo awazilungiselela aabo bamthandayo. *Kwabase I Korinte 2:9*.

Emhlabeni akukho lwimi anokuthi umntu ngalo achaze ubuhle nobuqaqawuli bezulu, lihle liyamangalisa. Eli likhaya labasindisiweyo. Akukho moni uyakuze angene khona. Akusayi kungena kuwo nanye into, eyenza inqambi, eyenza isikizi, nobuxoki ubuxoki, abaya kungena ngaabo bodwa ababalwe encwadiniyobomi yemVana" *Isityhilelo 21:27*. Akunakho ukulithenga elikhaya ngemali okanye ngemisebenzi. Akunakho nokuqabela phezu kodonga lwalomzi, akukho namnye umsebenzi wecawe onokukungenisa khona, inye kuphela indlela ikuYesu. Wathi yena: "Ndim indlela ndim inyaniso, ndim ubomi, akukho namnye uzayo kuBawo, engezi ngam" *Yohane 14:6*.

Ku *Yohane 14:2*. uYesu usixelela ngekhaya alilungisayo, kodwa elikhaya lasezulwini lelabo kuphela abazono zabo zixolelweyo, nabantliziyo zabo zimsulwa. Abantu abaninzi banxiba izinxibo ezithile bethembe ukuba zona ziyakubangenisa ezulwini. Hayi, iyintliziyo nje qha efuna ukuhlanjululwa ngaphezu kwazo zonke ezozinto, kwaye kufuneka siphile ubomi obungcwele, obungcwalisiweyo, obungebubo obelilizwe.

Nje ngokuba kucaca mhlophe ukuthi sonke singaboni phambi kukaTixo, saye sonke sisinga esihogweni, inye nje kuphela into ekufuneka siyenze, **"Ukuba sithi sizivume izono zethu, uthembekile ulilungisa, ukuba asixolele izono zethu asihlambulule kukho konke ukungalungisi"** *"1 Yohane 1:9*. Wathi uYesu, "Ndim uvuko ndim ubomi, lowo ukholwayo kum nokuba

ubethe wafa wodla ubomi. Bonke abadla ubomi bekholwa kum abasayi kufa naphakade.'' *Yohane 11:25-26.* ''Lowo ulivayo ilizwi lam akholwe ngulowo wandithumayo unobomi obungunaphakade, akezi ekugwetyweni uphume ekufeni wangena ebomini'' *Yohane 5:24.* Ukufa akumoyikisi futhi akumtshutshisi umntu ongomkrestu. ''Ukufa kufincelwe eloyisweni. Luphi na kufa, ulwamvila lwakho? Luphi na Hades uloyiso lwakho? Ma kubulelwe ke kuTixo osinikayo uloyiso olo ngayo iNkosi yethu uYesu Krestu'' *I AbaseKorinte 15:54:57.*

Umntu othe waphila wahamba noTixo akakoyiki ukufa. Xa lifika ixesha lokuba agoduke uyakuhamba ngovuyo nje ngokuba umpostile uPawulos esithi: ''Ndinawo umnqweno wokunga ndinganduluka ndiye kuba noKrestu, kuba kokhona kulungileyo kakhulu oko'' *Abase Filipi 1:23.* Umkrestu unqwenela ukubona ubuso buka Krestu owamfelayo wamsindisa emnqamlezweni. U Moya Oyingcwele nawo umkhumbuza amazwi kaYesu Krestu athi: **''Intliziyo yenu ma ingakhathazeki, kholwani kuTixo, nikholwe nakum, Endliwini kaBawo zininzi iindawo zokuhlala. Ndiya kubuya ndize ndinamkele kum ngokwam ukuze apho ndikhona mna nibe khona nani''** *Yohani 14:1-4.*

Ngoku ma khe sikhangele ukuba umkrestu uya njani na ekhayeni lakhe. Endaweni yokufa okoyikekayo kukho ingelosi okanye umthunywa kaTixo omiyo elindele ukuwuthwala lomoya ulungileyo awuse kuTixo. Umoya ukhululekile kumzimba wenyama ofayo ke ngoko ungena emasangweni ezulu uye esifubeni salowo umphefumlo wakhe umthandayo, lowo athe wamphilela waza wamfela emhlabeni. Ukufika kwakhe kulindelwe ezulwini, wamkelwa ngovuyo nguTixo nayiNkosi yakhe ithetha la mazwi: ''Hee ke, mkhonzi ulungileyo, uthembekileyo, ngena eluvuyweni lweNkosi yakho.'' U Sathana akanamandla kuye kuba: ''Kunqabile emehlweni kaYehova ukufa kwabakhe benceba'' *Iindumiso 116:15.* ''Ndeva ilizwi liphuma emazulwini lisithi kum, bala, uthi, banoyolo abafi aabo bafela eNkosini imisebenzi yabo ke ilandelana nabo.'' *Isityhilelo 14:13.*

Ngoku akuzimiselanga wenza nje ngonyana walahleko owayekude nekhaya lakhe, owathi akubona ukungcungcutheka komoya wakhe wathi: ''Ndiya kusuka ndiye kuBawo'' *Luka 15:18.* Nikela ubomi bakho **ngoku** ku Yesu, yenze lonto **ngoku** apho ukhona, yiwa ngamadolo uzixele kuTixo ukuba ungumoni, mcele ukuba akuhlambe ngegazi lakhe elinqabileyo umamkele ebomini bakho, uthi ngokwenjenjalo, unikele uSathana umhlana wakho ubuye kwindlela eya esihogweni uhambe endleleni eya ekhayeni lakho lasezulwini.

*M.R GSCHWEND*

---

For **free** Gospel literature, books and tracts in over 540 languages, write to:

**E-MAIL: info@angp.co.za**

**ALL NATIONS GOSPEL PUBLISHERS**

**P.O. Box 2191, PRETORIA, 0001, R.S.A.**

(A Gospel Literature Mission financed by donations)

(Reg. No. 1961/001798/08)